Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL**
**SENIOR CERTIFICATE**

# IBANGA 11

## NOVEMBA 2015

# ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P3

**AMANQAKU:** **100**

**IXESHA:** **2½ iiyure**

*IXHOHL3*

Olu viwo lunamaphepha ama-5.

## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMABINI:

   ICANDELO A: Isincoko (50)
   ICANDELO B: Imihlathi 2 x 25 = (50)

   QAPHELA: Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule imibuzo emiBINI kweli candelo.

2. Phendula umbuzo ube MNYE kwiCANDELO A, kunye nemibuzo emiBINI kwiCANDELO B.

3. Bhala ngesiXhosa esamkelekileyo nesichanekileyo.

4. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Kunyanzelekile ukuba uyile (usebenzisa isazobe/itshati ebonisa ukuthungelana kweziganeko/amagama angundoqo, njl.njl), uhlele uze uwufundisise umsebenzi wakho. Qala ngoyilo PHAMBI kokuba ubhale izincoko nemihlathi.

6. Lonke uyilo maluphawulwe ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlayo kuyilo lonke.

7. Uyacetyiswa ukuba ulabe ixesha ngolu hlobo:

   ICANDELO A: Malunga nemizuzu engama -80
   ICANDELO B: Malunga nemizuzu engama -70 (2 x 35)

8. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngendlela ekunonjolwe ngayo.

9. Masingathathelwa ngqalelo isihloko xa kubalwa inani lamagama.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ICANDELO A: IZINCOKO

Khetha isihloko sibe SINYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso isincoko. Bhala amagama angama-290 ukuya kuma–340 kwisincoko ngasinye.

### UMBUZO 1

1.1 Litshona liphume. **[50]**

1.2 Impilo yasezilokishini bubomi bentshontsho kule mihla. **[50]**


1.3 Izinto endingazenza ukuphucula imeko yezempilo kwingingqi yam. **[50]**

1.4 Akukho nzwana ingenasiphako! **[50]**

1.5 Ubuhlobo kule mihla buxhomekeke kwizinto esinazo. **[50]**

1.6 Xa kungasa ndingusozigidi. **[50]**

1.7 1.7.1 Bhala isincoko ngomfanekiso ongezantsi uze usinike isihloko esifanelekileyo.



**[50]**

1.7.2 Bhala isincoko ngomfanekiso ongezantsi uze usinike isihloko esifanelekileyo.



[50]

**AMANQAKU ECANDELO A: 50**

## ICANDELO B: IMIHLATHI

Abaviwa kulindeleke ukuba bakhethe imibuzo ibe MIBINI kweli candelo. Bhala amagama ali-100 ukuya kwali–120 (umxholo kuphela) ngomhlathi ngamnye owukhethileyo.

**UMBUZO 2**

2.1 **ILETA YOBUHLOBO**

Bhalela umhlobo wakho ubulela ngeengcebiso athe wakunika zona ngolwazi alufumene kwithala leencwadi elikufuphi naye. **[25]**

2.2 **I-OBHITSHWARI**

Bhala i-obhitshwari yomngcwabo womzala wakho okhule naye. **[25]**

2.3 **INTETHO**

Bhala intetho ucebisa amagosa ezendlela ngenxaxheba anokuyidlala ekunciphiseni iingozi ezehlela abafundi ezindleleni. **[25]**

2.4 **IRIVYU**

Bhala irivyu ngenye yeefilm obuzibukele kumabona – kude. **[25]**

2.5 **UDLIWANO – NDLEBE**

Yenza udliwano – ndlebe phakathi komzali nomye wabafundi ababekhona kuqhankqalazo esikolweni sakho. **[25]**

2.6 **INGXOXO – YABABINI**

Bhala ingxoxo phakathi komfundi oyinkwenkwe noyintombazana abangaboni ngasonye ngomba wokutshayeliswa kwamantombazana kuphela amagumbi okufundela. **[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B (2 x 25): 50**
**AMANQAKU EWONKE: 100**